S.E.R. Mqayi: *The Bantu World* (29 October 1932), page 4

# Amagora E-Vangeli Akanyisa Indawo Ezininzi, Ngoku Iziqamo Zivelile

*Hambani ngoko niye kuzenz' abajundi zonke intlanga. Mat. 28:19*

Nkosi yam Mhleli: -

Kwakungati kumayana, kuyeyeka, mhla itole lom-Xosa, um-Fundisi u-Gwayi, into ka Tyamzashe, ka Mejana ka Oya, um-Ngwevu, i-Rudulu, lakwa Tshangisa, kwa Sikomo, kwa Zulu, labopa inqwelo yalo e-Kimbili, lajonga pezulu e Afrika, ngomnyaka 1886, lihambisa indaba zo xolo ezintlangeni, njengokutunywa kwalo. Lati kanti libizelwa ukuya kuvula um-Tombo wa-Manzi apilileyo e-Zoutpansberg, kwizwe labe-Sutu emantla e-Transvali. Iminyaka ngoku kwenzekile oko, ikuma shunii omane anesitandatu (46).

Make ndibuye umva kancinane Mhleli, ngemvume yako, ndikankanye indawana zibe mbini pambi kokuba sihambele pambili:

1. Abantu abafundisiweyo base Koloni yase Kapa bakufundiswa kakulu ukuba bangazingci bazigase ngemfundo yabo; ngoko ke inkoliso yabo ngabantu abate cwaka, ongeze uqonde ukuba ngabantu abafundileyo, nabanomsebenzi abawenzileyo elizweni. Kwelase Nyassa kuhambe o Messrs W. Koyi, Mapasa Ntintili, Shadrack Ngunana, Isaac Wauchope, namanye amadodana alapa awenze elozwe lakanya. O-Rev. Mashaba sebevela aziqitini bengababanjwa be Lizwi kuba Putukezi. Mandiyishiye leyo, inde. U-Rev. Edward Tsewu, igora lakulo Jingqi kwa-Gqumahashe, nguye owavula indlela yokuba umntu ontsundu abe nako ukuwutenga umhlaba kwelase Transvali lonke, - into leyo eyayivaliwe.

2. U-Rev. Gwayi Tyamzashe lowo wayefunda e-Lovedale, wade wafundisa kona, noka Gqumahashe, wade wabekwa izandla, wangum-Fundisi wehlelo lase Rabe (Congregational Church) watunyelwa e-Kimbili (e-Dayimani) ukuba aye kuba ngum Fundisi kona. Ute elapo zafika intlanga ngentlanga zisiza kufuna ubutyebi be dayimani; koko yena wapikela ukuzizuzisa ubutyebi obungu Krestu; zemka ezinye zaya kufundisa u-Krestu lowo emakayeni azo. Lenqwelo ka u-Mr. Tyamzashe wayibopa e-Kimbili, esinga kwelaba Pedi elandela amakolwa, awakolwa kuye kwelozwe.

Ate ke ama Fritshatshi ukungena kwawo atumela inkanunu zawo kuqala, into ka[1] Sitywati (Rev.Jao. Stuart) wase Mkubiso, no Rev. E. Makiwane wase Tyume. Into ezo ezavula kwavuleka, kuba akuzange kube sayekwa emva kwazo ukutunyelwa aba Fundisi abahlanu banganeli. Zaye intokazi zelobandla, iminyaka ngeminyaka, zingayekanga ukutumela kwelozwe inxaso ye Lizwi ngeminikelo yazo epuma entliziyweni. Kubafundisi aba sebevela kona singabalula aba balandelayo abatunywa libandla elinye kodwa ngoku selimagama matatu,- (a)[2] i-Free Church (b) United Free Church (c) Bantu Presbyterian Church.

O-Revs. Wm. Mpamba, Yekelo Mbali, Holford Mama, C. Koti, Ntsikana Kobe Gaba,James Ntuli,Joseph Dambuza, Mbulawa, no Letsoala. Ndingaba ndiyapazama ngabanye mhlaumbi.

I-Ngqungqutela[3] (Assembly) yase Bantu Church, ebihlangene e-Monti (East London) ngo September 1932, ukubonisa ukuba le i-Kishini iyinonele kakulu, itumele namhla, kwa uluhle lwayo olusapuma emfutweni e-Fort Hare, ngoluhlobo: Joash Y. Flliso, ukuba aye e Stuartville, Zoutpansberg; S.P. Finca ukuba aye e Donhill, Zoutpansburg; K.M. Nkabinde ukuba aye e-Gooldville Zoutpansberg.

Ngati anele lomacapazana Mhleli, ukuba ayikanyise ngokungakumbi lendawo yakwa Mamabolo, ukuba itandwe ngokungakumbi ngabafundisi, njengokuba onina sebeyitandile.

Kuf' ayayo! Kuf' ayayo matol' ezolo!

Nge keme nge ntshuntshe nezembe!

Madela Kuf' akwa Rarabe, -

Matol' ezirwalaxu, matol' o-Nyongande

Tsi-ha-ha-ha-ha-ha-ha-a-a!

Sezipants' into zo Mokone Mangena,

Nezo Makghato nezo Thema!

Sezingecala letu le Vangeli!

Ngubanin' ose nengebhe nededengu?

Ho-ya-a-a-a! Ho-ya-a-a-a!

---

[1] ku

[2] (e)

[3] Ngqunqgutela

